



Imisebenzi

Umsebenzi 1

Bukela ividiyo, uphendule imibuzo elandelayo:

1. Ngubani igama lomyeni kaNosebenzile?
2. Baphi abantwana babo?
3. UNosebenzile nomyenii wakhe abonwabanga. Bhala izizathu zoko.
4. Umyeni kaNosebenzile ufuna ntoni? Uthini ukuphendula uNosebenzile?
5. Kutheni umyeni kaNosebenzile esithi uyonqena uNosebenzile? Ukhalazela ntoni?

Umsebenzi 2

1. Yenza uphando (research) ngeentlobo zokutya kwesiXhosa ozaziyo, zibe ne. Zibhale encwadini yakho. Ncokolani notitshala ngazo.
2. UBhele ufuna okuphi ukutya kwesiXhosa?
3. Yenza iresiphi yako nakuphi na ukutya kwesiXhosa okuthandayo.
4. Thelekisa ukutya kwenkcubeko yakho nokwamaXhosa.

Umsebenzi 3

1. Nijonge ividiyo ncokolani ngokwamkelwa kweendwendwe kwaXhosa. Thelekisani neyenu inkcubeko.
2. Elowo umfundi makabhale encwadini yakhe zonke iindlela abamkeleka ngayo kubazali babo, uMongezi noThandiwe. Bathini abazali babo kubo? Bathini bona abantwana xa bebuka abazali babo?
3. Elowo umfundi makafundele iklassi ngamazwi awabhalileyo okubuka abantwana.

Umsebenzi 4

1. Masithi ningabazali abasokolayo kodwa ninabantwana abasebenzayo abanganincediyo, abangakhathali nokukhathala kukugoduka. Sebenzani ngababini nangabathathu nixoxa ngale ngxaki. Thelekisani neyenu inkcubeko.
2. Makuthi nisaxoxa njalo kungene ummelwane wenu onkcubeko yakhe yohlukileyo kule yenu yokulindela ukuncedwa ngabantwana kuba nibakhulisile. Kuloo ngxoxo yenu ummelwane makavelise umahluko phakathi kwenkcubeko yenu nale yakhe, esenza uncomo-gxeko.
3. Bhalani ezincwadini zenu yonke le ngxoxo yenu. Abalinganiswa benu banikeni a magama esiXhosa.

Umsebenzi 5

1. Masithi ungumzali, uvuyiswa kukufika kwabantwana bakho ungabalindelanga. Ubuza kuthini xa ubamkela kowabo, ubayala. Bhalani elowo nalowo afunde amazwi akhe eklasini.
2. Yenzani ukhuphiswano ngezi ntetho zenu zokuyala, kubonwe oyena uyale kakuhle kakhulu.

Umsebenzi 6

1. UNosebenzile uvela kukha amanzi emlanjeni . Udiniwe kwaye ulambile. Noxa kunjalo umyeni wakhe ufuna ukutya engamceli nangembeko. Umtyhola nangokonqena. Xoxani ngale meko, niveze ezenu izimvo.
2. Xoxani ngeempawu eniziqaphelayo kwinkcubeko yamaXhosa malunga nendlela aphathwa n gayo amakhosikazi. Qwalaselani amazwi omyeni kaNosebenzile, awabhekisa emfazini kwanethoni yelizwi lakhe.

Umsebenzi 7

Shwankathela ibali elikwividiyo ngawakho amazwi.

Umsebenzi 8

Umhobe: A Poem

Guqulela esiNgesini lo mbongo. Wufundeni niwukhwaza eklasini. Phendulanani ngokuba abanye bafunde umqolo (line) wombongo, baze abanye bafunde olandelayo.

A. Nosebenzile! Nosebenzile!

B. Tato o!

- A. Bayephi na abantwana bethu!
- B. Baye emsebenzini tata!
- A. Baye kulungiselela thina.
- B. Thina?
- A. Ewe tata, ewe tata!
- B. Bangena! Bangena!
- A. Siza kuhlutha
- B. Ndiza kuphinda ndibe nentesha!
- A. Akukho mntu wophindahlekise ngathi.
- B. Ukuzala kukuzolu u u u u la!

Umsebenzi 9

Vala izikhewu ngokuguqula amagama akwizibiyeli. OoNosebenzile (they are)lamba. (they)shiywe ngabantwana babo. Abantwaba abasabuyi(from)msebenzini.(They are) khalaza abazali. Intombi(she) phathele abazali impahla. Abazali(they are)vuya. UMongezi (he) buza intesha kayise ukuba iphi.(he) thi uBhele(he) yalamba.

Umsebenzi 10

(a) Complete the following sentences using na- (and) and translate.

1. UThandiwe(Mongezi bayafika.)
2. Utata(mama) bayavuya.
3. Utata ... (Mongezi) bathetha ngentesha.
4. UBhele(Nosebenzile) bayavuya.

Qaphela: U-‘Na’ – (angasetyenziswa negama elithi, ‘bani’ (who).)

Umzekelo (e.g.): Ndithetha nabani? (with whom am I speaking?)

Ndithetha nabantwana (I am speaking with the children)

(b) Sebenzani ngababini. Omnye makabe ngumntwana kaNosebenzile afowunele umama wakhe axele ukuba uza kubuya nabani ukuza ekhaya. UNosebenzile makaxelele abantwana ukuba uhleli nabani na. Emva kokuthetha efowunini, yibhaleni phantsi incoko (dialogue) yenu.